

Ibhendi enkulu yobhedu

Libali likaPatricia de Villiers

Imifanekiso izotywe nguHeidel Dedekind

Liguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi

UZaide noJoe babezimele. Babezimele ngaphantsi kweqonga elikhulu eholweni yesixeko. Kwakukho uthuli oluninzi ngaphantsi apho kwaye uJoe wayeqinisekile ukuba kukho isigcawu esinoboya esijinga phezu kwentloko yakhe. Babezimele apho kuba ibhendi enkulu yobhedu yayilungiselela ukuziqhelisa ukudlala apho, kwaye eyona nto wayeyinqwenela ngaphezulu kwezinto zonke uZaide emhlabeni, yaye ikukudlala kwibhendi.

Kwangoko ngaloo ntsasa uZaide wayeqhawulele uJoe ngaphandle kweevenkile. Wayephethe ivuvuzela emthubi, imbiza endala eboqokileyo kunye nentonga.

“Joe,” watsho, “Joe, khawuleza undilandele!”


“Siya phi?” wabuza uJoe owayexakekile esitya i-koeksister. Kwakuyintsasa yangoMgqibelo, kwaye waye onwatyiswe kukuhamba-hamba esehlisa iMain Road eneswekile emilebeni nelanga elalifudumeza ubuso bakhe.

“Kufuneka siye eholweni yesixeko,” watsho uZaide.

“Khawuleza! Masibaleke!” Wabe sel’enduluka uZaide.

UJoe wayengaziva efuna ukubaleka, kodwa wayemthanda uZaide, ngoko ke wamlandela bajikela ikona, bedlula kwivenkile kamalume wakhe yentlanzi, banqumla ebaleni lokudlala labantwana ukuya eholweni yesixeko. Waza wambona uZaide emkhweba ngamandla emi emva kolunye lweengcango ezinkulu eziphezulu kumanqwanqwa ehlo yedolophu.

“Yiza!” watsho. “Khawuleza Joe!”




Wakhokela bangena eholweni waza wabeka umnwe wakhe emilebeni yakhe. “Shhhh,” watsho, “shhhh.” Kwakungekho mntu eholweni ngaphandle kwendoda enesiqu eyayinxibe iyunifom eluhlaza eyayilele esitulweni.

“Wenza ni?” wasebeza uJoe.

“Shhhh!” waphinda watsho uZaide watsho egaqa ngezandla nangamadolo engena kwisikroba esiphantsi kweqonga. “Yiza!” wasebezela uJoe. UJoe eneneni wayengafuni ukumlandela angene kule ndawo imnyama, kodwa ke noko kunjalo wakhasa wamlandela.

“Senza ni apha?” wasebeza uJoe. “Ndiyoyika. Ndiqinisekile ukuba kukho izigcawu apha.”

“Sukufeketha apha,” waphendula esebeza uZaide. “Siza kudlala kunye nebhendi! Nali elakho igubu.” Waza wannika imbiza nentonga.



Ngelo xesha kanye beva amazwi aphakamileyo eholweni nengxolo yokugruzula kwezitulo ezidudulwayo.

Kwaza kwavakala isandi esithi *Oom-pah-pah* nesandi esikhulu sexilongo nomgqumo wegubu elikhulu. Kwaza ngesaqophe, ngodubulo lwesandi yonke ibhendi yaqalisa ukudlala ingoma kunye. Yayisenza ihlombe elikhulu.

“Masiye, Joe,” watsho uZaide ebeka ivuvuzela emilebeni yakhe, watsho wavuthela isithonga esikhulu. “Masiye! Betha igubu lakho, Joe!” Watsho waqalisa uJoe ukuvathela imbiza ngelixa uZaide evuthela ngamandla ivuvuzela eyiphindaphinda.



Ngequbuliso ibhendi yathi nqumama ukudlala. Kodwa uZaide noJoe bakhe baqhuba bedlala okwexeshana phambi kokuba nabo bayeke.

“Kukho obeyiloza xa adlalayo,” beva ilizwi lisitsho.

“Asinguye omnye wethu. Ivela phaya ngaphantsi,” beva elinye ilizwi lisitsho.

UZaide noJoe bahlala bathi cwaka. Kwaza kwathi gqi ubuso – kwakukho umntu ogobayo okhangela ngaphantsi kweqonga! Abantwana ababini baguqa bazimela nzulu emathunzini. Kodwa, owu hayi bo! Uthuli lwaluntlontlozelisa iimpumlo zikaJoe, akabi nako ukuzibamba. Wathimla, hayi kanye, kodwa amaxesha amathathu! *Yithsi! Yithsi! Yithsi!*

“Phuma,” kwatsho ilizwi lendoda. “Ndiyazi ukuba ukhona umntu olapho ngaphantsi.”



Bethe chu, uZaide noJoe bakhisa baphuma phantsi kweqonga bangena eholweni. Bobabini babethiwe wambu luthuli naziintambo zezigcawu. Wonke umntu kwibhendi wayebajamele kakubi. Bonke babenxibe iikepusi ezintle nebhatyi ezimnyama ezinamaqhosha akhazimlayo zaye izixhobo zabo zobhedu zazikhazimla ngokuqaqambileyo. UJoe noZaide bazama ukuyifihla ngasemva ivuvuzela emthubi nembiza eboqokileyo.



“Ningoobani, nisenza ntoni apha?” kwabuza indoda emfutshane enamabhovu amakhulu. Yayinxibe izingxobo zezandla ezimhlophe, yaye njengoko yayithetha yayimana ibetha ngentongana ecaleni lomlenze wayo.

“Nceda, nc-nc-nceda ungasibethi!” wathintitha watsho uJoe.

“Besifuna nje ukuzibandakanya nani,” watsho uZaide.

“Bendisoloko ndanqwenela ukudlala kwibhendi yenu – oko!”

“Yizani bantwana,” kwatsho indoda ebuso bubomvu, “lixesha lokuba nihambe!” Waza waqalisa ukubakhokelela emnyango.

“Khawuthi xha umzuzu!” yatsho indoda enxibe izingxobo zezandla ezimhlophe. “Ukuba bafuna ukudlala kunye nathi – asingebavumeli ngani na? Kodwa,” watsho eguqukela kuZaide, “awunakudlala ivuvuzela! Ke wena,” wajikela kuJoe, “awunakudlala imbiza!” Wavula ibhokisi enkulu wayalula ngaphakathi kwayo. “Heke!” waza wakhupha unxantathu omncinci wesinyithi nentonga, nengqongqo. Unxantathu nentonga wazinika uZaide, waza ingqongqo wayinika uJoe.

Wadana uZaide. “Kodwa ndifuna ukudlala ixilongo!” wadanduluka.

“Xa sel’ulifundile ixilongo, ungalidlala,” yatsho indoda. “Kodwa, okwangoku, ungalidlala ezi. Kwaye kulo Mgqibelo uzayo ningakhokela ibhendi ukuhla iMain Road xa sidlala singumngcelele.”

Waguqukela kwibhendi, “Nithini ngale nto?”

“Kwala ntoni?” yatsho indoda enegubu elikhulu.

“Ngokuqinisekileyo, kwala ntoni?” watsho umfazi onesaksofoni.

Ngoko ke kuMgqibelo olandelayo aba bantwana babini bayikhokela ezitalatweni ibhendi enkulu yobhedu ngokuzingca. UJoe wayenxibe ihempe ecocekileyo emhlophe, uZaide yena enxibe ilokhwe ebomvu, enentyatyambo emthubi ezinweleni zakhe. UZaide wambetha unxantathu wakhe wabe uJoe eyishukumisa ingqongqo yakhe behamba nesingqi somculo.

Njengoko babematsha, uZaide wayecinga ngaloo mini apho wayeza kube ekhalisa ixilongo kule bhendi inkulu yobhedu xa kusenziwa umngcelele kuzo zonke iidolophu.



Qhubeka ufunde! Ukuba ulonwabele eli bali, ungalibali ukuya kwiwebhusayithi yethu (www.nalibali.org) ukuze ufumane ingqokelela yamabali ASIMAHILA abantwana.



Yenza ibali linike umdla!

Nazi iingcebiso onokuzisebenzisa kwibali elikwiphepha loku-1 kuye kwele-3 nabantwana eklasini yakho na-/okanye kwiklabhu yokufunda. Khetha iingcebiso ezilungelene neminyaka nemidla yabantwana bakho.

- ★ Fumana imbiza endala yokupheka nentonga yomthi okanye icephe lomthi. Njengendlela yokutshayelela ibali, yiqubude imbiza uze uqale ukuyibetha ngentonga/ngecephe ngokungathi ligubu ukwenza isingqi esilungeleleneyo. Linda bade abantwana bayiqonde le nto uyenzayo, uze ubameme bajoyine ngokuthi basebenzise izandla zabo bebetha emilenzeni yabo okanye emgangathweni. Cacisa ukuba uza kubafundela ibali elimalunga nentombazana eyayifuna ukudlala ebhendini.
- ★ Emva kokuba ulifundile ibali, babuze abantwana ukuba bakhe badlala na ebhendini okanye beva enye idlala. (Akunyanzelekanga ukuba mayibe yibhendi yobhedu – ingayiyo nayiphi na

ingqokelela yezixhobo ezidlalwa kunye.) Ke ngoku bavumele baxeelane ngezixhobo abazidlalayo okanye abangathanda ukuzidlala kwibhendi. Nikunye zamani ukwenza izandi zezixhobo enizazi nonke.

- ★ Bayalele abantwana benze iiposta ezazinokuba zibonisiwe kwiindawo ngeendawo esixekweni ukwazisa ngomgcelele oqhubekayo. Yibani nengxoxo ngolwazi abanokulufuna lufakwe kwiiposta phambi kokuba abantwana baqalise.
- ★ Cebisa ukuba abantwana basebenzise izinto esezike zasetyenziswa nezinye izinto ukwenza izixhobo zomculo. Umzekelo, ungenza isitya sokuhlukhla ngokufaka amatyana amancinci kwisitya seplastiki okanye inkonkxa enesiciko. Yihombise ngokuzoba iipateni kuxwebhu lwephepha uze uncamathisele eli phepha esityeni/enkonkxeni. Zakube izixhobo zenziwe, bavumele abantwana bazisebenzise, becula kunye ezinye zeengoma abazithandayo.

Malunga neprojekthi yeStory Powered Schools

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda.

IStory Powered Schools liphulo eliyimvelatanci lenkqubo ezisa indlela yokuphuhlisa ilitheresi yephulo likaNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa kwizikolo zasemaphandleni ezikwiphondo laseMpuma Koloni nelaKwaZulu-Natala. Eli phulo liqinisekiswa liSebe lezeMfundo, yaze inkxaso-mali yokulixuma yanikezelwa yiUnited States Agency for International Development (iUSAID).

Izikolo ezithatha inxaxhela kwiprojekthi yeStory Powered Schools zizimisele ukuvuselela oko abafundi banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Zisebenzisa amandla amabali ukukhuthaza abafundi ukuba bafune ukufunda nokubhala.

